


KWAYE AMEHLO ABO

AVULWA BAZE BAMAZI YENA

 KwiVangeli kaLuka oNgcwele, size siqale ngesahluko sama-24 kunye namashumi amathuthu-...umqolo wama-31, okanye ndiyakutsho umqolo wama-30 wesahluko sama-24.

Kwathi kwenzeka, njengoko wahlala ngasesidlweni ndawonye nabo, waza wasithabatha isonka, wasisikelela, wasiqhekeza, wabanika.

Aze avuleka amehlo abo, baza bamazi; waza wanyamalala emehlweni abo.

Bathetha omnye komnye, Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu, ngelixa ebethetha nathi, endleleni, naxa ebesityhilela izibhalo?

² Kwaye yanga iNkosi ingongeza intsikelelo yaYo. Isihloko sam siyakuba, ukuba bendinokusibiza ngokuhlwanje: *Kwaye Amehlo Abo Avulwa Baze Bamazi Yena*. Ngoku kushushu, kodwa ndinqwenela ukuba beniyakunyamezela ngomonde kangangoko ninakho, okwemizuzwana embalwa, kwaye ndiya kuzama ukukhawulezisa. Kodwa ngoku sifuna ukukhangela ngokundilisekileyo eLizwini, iLizwi elimangalisayo likaThixo. Kwaye siyathandaza ukuba uThixo, ngandlela ithile, uya kuvula amehlo ethu ngokuhlwanje.

³ Ukuba iPasika yinto nje yokubhiyozela isiganeko sembali, kwaye oko kuphela, ngoko sinemizathu esincinci sokuthandabuza, sinemizathu esincinci sokubuza, kuba bekuyakushiyeka kwingcinga endilisekileyo yokuthabatha nje ilizwi. Kwaye ukuba uKristu wayengazenzanga izithembiso Awazenzayo, ngoko besiyakuthi kananjalo, nje besingayikuba nabubungqina esinabo.

⁴ Kodwa iNkosi yethu esikelelekileyo yathi, ngelixa Yayilapha emhlabeni, “Kuselithuba elifutshane, kwaye ihlabathi alisayi kuNdibona.” Ngoku ela gama *ihlabathi* phaya, livela “kulungelelwano lwehlabathi, abantu bomhlaba.” “Ihlabathi alisayi kuNdibona kwakhona. UKanti nina niya kuNdibona, ngokuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi.” Ngoku, loo Mazwi ayinyaniso kanye njengawo nawaphi na amanye aMazwi esiwathethileyo kuyo le veki, aphuma eBhayibhileni, nje ayinyaniso kanye njengawo nawaphi amanye aMazwi eBhayibhileni. “Kuselithuba elifutshane, kwaye ihlabathi lingabi saNdibona. Abasayi kuvulwa amehlo abo.” Kukho abantu abazelwe ehlabathini, hayi ngentando kaThixo, kodwa ngokhetho lwabo lokuzingca bebengenakuMkholelwa

ukuba Yena ebemi kanye apha ethetha nani ngobubusuku. Kubuhlungu ukuthetha, kodwa iBhayibhile itshilo ukuba, “Bazalelwa kweli hlabathi, kolu gwetyo,” uYuda, malunga nomqolo we-3.

⁵ Ngoku, kodwa kuni, ngobu busuku, eniphumileyo kwaye nimi apha egumbini, nixinene kwisakhiwo esincinane esishushu ngolu hlobo, anizi nje ukuze nibonwe. Niza ngenjongo ethile. Kwaye, ngokoluvo lwam, uze ngokunyaniseka kwentliziyo yakho, ukwenzela uhambo olusondeleyo noThixo, ukuba umke apha, ngokuhlwa nje, umntu ongcono kunokuba wawunjalo xa wawungena. Oko koko endikuthandazileyo xa ndingena emnyango, ngobu busuku, “Nkosi, ndenze ndibe ngumntu ongcono xa ndiphuma, ngokuhlwanje, kunokuba ndinjalo njengokuba ndingena.” Ngoku xa Yena . . .

⁶ Ngaphambi kokuba Emke, Wenza ezi ntetho. Wathi, “Lowo ukholwayo kuM. . .” UYohane oNgcwele, isahluko se-14, umqolo we-7. “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uya kuyenza naye; nengaphezulu kunale uyakuyenza, ngokuba Ndiya kuBawo waM. Ndiyahamba, ndibuye ndize kwakhona.”

⁷ Ngoku siyakufumana imisebenzi Awayenzayo. Imisebenzi Awayenzayo? Akazange abange ukuba ungumntu omkhulu, WayeyiNdoda nje ethobekileyo. Akazange athethe nangasiphi na isigama esiphakamileyo, Wathetha nje njengeNdoda eqhelekileyo. Wahhlala phakathi kwamahlwempu, “iimpungutye zaba nemiqolomba, neentaka zineendlwana, kodwa Yena wayengenandawo yokulalisa intloko Yakhe.” Wayenengubo enye, eyanikizelwa kuYe, “yayilukiwe iphela, ingenamthungo kuyo.”

⁸ Yiyo loo nto bangcakaza ngayo. Kwakutheni ukuze kube njalo? Kuba isiprofeto seTestamente eNdala kwakufuneka sizaliseke, “Babelana ngeengubo zaM, benza amaqashiso ngesambatho sam.” Ke babengenakuyahlukanisa ngomthungo, kwakufuneka bangcakaze ngayo, kwaye oko yayikukuzalisekisa isiprofeto seTestamente eNdala.

⁹ Kodwa siyakuqaphela, kwimizuzwana nje embalwa, yintoni Awayenzayo? Kwaye ndiyakholwa, ngobu busuku, kukulamba kwayo yonke ngaye yeentliziyo zethu, ukusuka koyena mncinane ukuya koyena mkhulu, ngobu busuku, ukubona uYesu Kristu. Ngumnqweno wentliziyo yam. Kwaye kutheni? Ukuba sibanga ngeZibhalo . . .

¹⁰ Oonomathotholo bayayisasaza namhlanje, oomabonwakude bafaka iinkqubo, iidrama zamiselwa ukuba “Akakho apha, kodwa Uvukile!”

¹¹ Ke, ngoko, ukuba Uvukile, iBhayibhile itshilo, kumaHebhere 13:8, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Ngoku, apha kulapho ikhoyo, bantu. Oko

kungabe yiNyaniso, okanye asiyiyo iNyaniso. Oko, ukuba oko asiyoNyaniso, ngoko iBhayibhile ibubuxoki, aze ke aMazwi abe bubuxoki; kwaye ngoko silahlekile, kwaye akukho luvuko lwabafileyo, kwaye siyazenzisa nje ukukholwa. Kodwa ukuba iyiNyaniso, ngoko imelwe kukuZingqinela.

¹² Ukuba utshi lamanzi amanzi, andizange ndawabona amanzi ngaphambili, undigalele wona, kwaye akamanzi, emva koko awakho—awakho amazwi awayonyaniso, kodwa ukuba uthe wawagalela kum, kwaye abamanzi, ngoko amazwi akho ayinyaniso.

¹³ Ukuba uKristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, ngoko iBhayibhile iyinyaniso. Ukuba Akasekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, ngoko Ayiyonyani. Ukuba aMazwi kaThixo akayonyani, ngoko uKristu akanyanisanga. Ngoko, ukuba aMazwi kaThixo akayonyani, uThixo akayonyaniso. Kodwa, ngoko, ukuba iLizwi likaThixo liyinyaniso, ngoko iBhayibhile iyinyaniso, uThixo uyinyaniso, uKristu uyinyaniso, kwaye sifanele sinyaniseke kwiSizathu. Kulungile!

¹⁴ Ngoku, xana Wayesemhlabeni, Akazange abange ukuba nguye nawuphi na umphilisi omkhulu. Bangaphi abamazwiyo ukuba uNyana kaThixo akazange athi ungumphilisi? Injalo ngqo. Wathi, “Andinakwenza nto ngokwaM, Ndingayibona isenziwa nguBawo. Asindim owenza imisebenzi,” Wathi, “nguBawo ohleli kuM. Nguye owenza imisebenzi.” Luhlobo luni lwemisebenzi Awayenzayo?

¹⁵ Sifumana eBhayibhileni, apho umfo ogama linguFilipu wasindiswayo. Waze wawela wafumana umhlobo, uNataniyeli, kude emva, amashumi amathathu eemayile ukujikeleza intaba. Wambuyisela kuYesu. Uthe ke akumfumana, wayephantsi komthi, ethandaza. Kwaye wathi, “Yiza, ubone ukuba ngubani na esimfumeneyo: uYesu waseNazarete, unyana kaYosefu.”

Wathi, “Ingaba ikho into elungileyo evela eNazarete?”

Wathi, “Yiza ubone.”

¹⁶ Oko bobona bungqina bubalaseleyo endibaziyo. Musa ukuthabatha ilizwi lomnye umntu ngaYo. Yiza, uzibonele! Wathi, “Yiza ubone.”

¹⁷ Yaye ekufikeni kwakhe, uYesu wayemi emgceeni, mhlawumbi ethandazela abantu. Kwaye xa uFilipu wenyukayo, kunye noNataniyeli, uYesu wathi, “Nanko umSirayeli, ekungekho nkohliso kuye!”

¹⁸ Wathi, “Undazi nini mna, Rabhi?” Yamkhwankqisa. “Undazi nini na mna Wena?”

¹⁹ Wathi, “Ngaphambi kokuba uFiliphu akubize, xana wawuphantsi komthi, ndakubona.” Iimayile ezingamashumi amathathu ukusuka entabeni, nangoko, “Ndikubonile.”

²⁰ Oko kwabonisa ukuba Wayengubani na. WayenguThixo okhoyo kwindawo zonke; hayi nje umprofeti, kodwa uThixo ngoKwakhe ebonakalaliswe esenyameni. Eso sisizathu sokuba abe nokububeka, ubomi Bakhe, phantsi, abuthabathe kwakhona.

²¹ Kwaphuma umfazi omncinane eze kukha amanzi ngenye imini. Kwaye Wathetha kuye, wathi, “Mfazi, Ndizisele ndisele!”

²² Wathi, “Akukho sesikweni kuni maYuda ukusicela thina, maSamariya, okunjalo. Asinanto yakwenza omnye nomnye.”

²³ Wathi, “Kodwa ukuba ubusazi ukuba uthetha naBani, ngewucela kuM into eselwayo. Bendi yokuphathela Amanzi ubungezi kuwakha apha.”

²⁴ Kwaye wathi, “Iqula linzulu, Mhlekazi. Akunanto yokukha, kwaye Wena ungawafumana phi la Manzi.”

²⁵ Yintoni Awayeyenza? Wayeqhagamshelana nomoya wakhe. Kwaye wathi Akufumana ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe, ingxaki yakhe yayikukuba wayephila ekukrexezeni. Wayenamadoda amahlanu, kwaye ehlala neyakhe yesithandathu.

Waza wathi uYesu kuye, “Hamba, uye uze nendoda yakho, uze apha.”

Kwaye wathi, “Andinaye namnye umyeni.”

²⁶ Wathi, “Hayi, ubunamahlanu, kwaye lena uhlala nayo ngoku asiyiyo eyakho. Ke, uthethe kakuhle.”

²⁷ Khangela ngoku, umYuda. Xa uYesu wenza la mmangaliso kuye, laa mYuda wokwenene, owenene, umYuda wenyani, wathi, “Wena unguNyana kaThixo, uKumkani kaSirayeli.” Wayesazi ukuba loo miqondiso yayimele ukukhapha uMesiya.

²⁸ Kwaye ngoku nanko umSamariyakazi. Xana wenziwayo kuye la mmangaliso, wathi, “Mhlekazi, ndiyabona ukuba Wena ungumProfeti. Siyazi ukuba xa uMesiya efika, Uyakusixelela ezi zinto. Kodwa Ungubani Wena?”

Wathi, “NdinguYe lo Uthetha kuwe.”

²⁹ Wawushiya umphanda wakhe, wabalekela esixekweni, waze wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endazenzayo. Asinguye na kanye uMesiya?” Ngokuqinisekileyo.

³⁰ Ukuqhubekeka ngeZibhalo singakuthabatha, indlela Awazenza ngayo izinto awathi uYise waMbonisa zona. IBhayibhile ithe, ngaphaya kuYohane oNgcwele, xa baMbuzayo malunga nokuba kutheni na engabaphilisanga bonke abo bantu babeziziqhwala, kwaye Wathi, “Inene, inene, ndithi kuni.” UYohane oNgcwele 5:19, “Inene, inene, ndithi kuni, UNyana akanakwenza nto ngokwakhe; kuphela koko Abona uYise ekwenza, wenza njalo noNyana.”

³¹ Ngoku, ukuba uKristu uvukile kwabafileyo, kwaye uphakathi kwethu namhlanje, kwaye wathembisa ukuba izinto ezikwazinye Awazenzayo, ukuba siyakuzenza ngokunjalo, oko kungabe yiNyaniso, okanye asiyiyo iNyaniso. IBhayibhile yathi, “Isekwanguye izolo, namhlanje, nanganaphakade.”

³² Kwaye, zihlobo, ndiyavuya nje ukwazi, namhlanje, ukuba mna okunene, ngako konke okungaphakathi kum, ndiyakholwa ukuba uYesu Kristu unguye uNyana kaThixo. Wakhawulwa waza wazalwa, ukuzalwa okumsulwa. Wava ubunzima phantsi koPontiyo Pilato; wabethelelwa emnqamlezweni, wafa, wangcwatywa, wabuya wavuka ngomhla wesithathu; wenyukela eZulwini, kwaye uhleli ngasekunene kobuKhulu Bakhe. Kwaye uMoya oyiNgcwele ulapha eqhuba kwaloo msebenzi Wawenzayo xana Wayelapha emhlabeni. Enjani ukuba ntle ingcamango!

³³ Enjani ukubantle intsasa, intsasa yokuqala yovuko, iPasika yokuqala eyakha yasa emhlabeni! Ingaba uyaqonda ukuba le Pasika siyibhiyozelayo, yokuvuka Kwakhe, yalatha kuphela kwiPasika enkulu ezayo, iyure Abuya ngayo evela eMazulwini? Kwaye bonke abafele kuKristu bayakuvuka bahambe naYe. Sijonge kuphela koko, iPasika enkulu, ezayo. Kwaye, namhlanje, enjani ukubantle, enjani intuthuzelo, obunjani ubungqina esinabo, xana iBhayibhile iyibhengeza, xana ubukho Bakhe kwiindawo zonke buyibhengeza, xana Amandla Akhe okuphilisa eyivakalisa, xana uMoya Wakhe omkhulu uyibhengeza, xana yonke into kwindalo iyibhengeza, iBandla Lakhe liyakuvakalisa, intliziyo yam iyayikuxela, yonke intliziyo yomntu ozelwe ngokutsha iyayikuxela, ukuba “UYesu Kristu unguNyana kaThixo, kwaye uya kuza kwakhona! Kwaye usekwanguye ngoku, ‘Izolo, namhlanje, nanganaphakade!’” Ngoku qaphela.

³⁴ Kwakukule ntsasa yePasika intle. Bekukho amarhe amaninzi, intetha. Abanye abafazi babebuyile engwabeni, kwaye bathi babone umbono weeNgelosi. Babeba ngumgcini-myezo; UMariya unina, kuba weva ilizwi lithetha ngasemva kwakhe, lisithi, “Ufuna bani?” Kwaye wathi Akujika . . .

³⁵ Wajika, waze wathi, “Bayithathile iNkosi yam. Andazi ukuba baYibeke phi na. Ukuba Uyazi, ndixelele apho Ikhoyo, kwaye ndiyakuya kuMthatha.”

Wajika, waze wathi, “Mariya.”

³⁶ Kwaye wamjonga Yena, waze wathi “Rabhoni,” oko kuthetha, “Mphathi!”

³⁷ Wathi, “UngaNdichukumisi, kuba Andikenyuki. Kodwa ndiya kunyuka ndiye kuYihlo, nakuBawo waM, kuThixo waM, nakuThixo wenu. Hambani ke, nibaxelele abafundi baM ukuba Ndiya kuhlanguana nabo eGalili.”

³⁸ Indlela eyayibonakala iyintsomi ngayo, yale Ndoda abayibona iqholiwe; neyafayo, yangcwatywa, kwaye olu

yayilusuku lwesine, okanye usuku lwesithathu kusukela yayifile. UPetros wadimazeka, waza wafuna ukuya kuloba. Bathi ababini babo, omnye ogama linguKleyopa, wathi, “Siyakusuka sibuyele nje ekhaya, eYerusalem.” Kwaye endleleni yabo, behamba, ngaloo ntsasa, xa uPetros wafumana intambo yakhe yokuloba waza waya ekulobeni, aba babini babesendleleni, belusizi. Kwaye njengokuba behamba ngendlela, besithi, “Ke, ndiyacinga ukuba ubomi abufanele kuphilwa. Owu, indlela ebekhohlelwa ngayo ukuba WayenguMesiya! Inokuthini laa Ndoda, Eyavusa abafileyo, ukukha ivumele laa mbingeleli mkhulu ahlekise ngaYo? Yayinokuthini laa Ndoda, eyayinokubona umbono emva kombono, ikhe ivumele ijoni laseRoma libeke idlavu ebusweni baYo, lize limbethe entloko, kwaye lithi, ‘Ukuba Ungumprofeti, sixelele ukuba ngubani oKubethileyo?’ Angathini ukuba Akhalele inceba, emnqamlezweni, ekubeni Wayenako nokubavusa abafileyo?” Owu, yayilixesha elityhafisayo!

³⁹ Kwaye loo maxesha atyhafisayo afika kulo lonke ikholwa, ukunilinga, nokunivavanya, nokubona ukuba nikhohlelwa ngenene na. “Wonke unyana oza kuThixo, kufuneka kuqala avavanywe, ukuqeqeshwa komntwana.”

⁴⁰ Bayakubakho abanye benu apha ngokuhlwanje, ngaphandle kwamathandabuzo, abayakuphumela kolu vavanyo lunye. Ukuba sinokubiza umgca wokuthandazela, andazi ukuba ngubani na onamakhadi okuthandazelwa, akukho mntu wumbi waziyo; onke ebexutyani siwe kunye, aze anikezelwa kuni. Ndizakubiza ukusuka kwindawo ethile, nakuphina okusengqondweni yam ngelo xesha. Asikwazi ukumisa kodwa abambalwa ngexesha. Iqela ishumi elinambini, mhlawumbi, liya kudlula kumgca wokuthandazela. Bonke bafuna ukuza. Usenokucinga ukuba Ukudlulile, kodwa Akadlulanga. Uyakuvavanya nje, nje ukubona ukuba uya kumkholelwa ngenene na Yena. Umbono awuphilisi; umbono ungqinela kuphela uBukho Bakhe.

⁴¹ Bendihleli nje apha, ndijonge kanye ngoku kubaphulaphuli. Kwaye ndibona u—umhlobo wam, uNksk. Cox, osuka ezantsi eKentucky. Wayenomhlaza omkhulu ebusweni bakhe, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, ebesele etyile kufutshane neliso lakhe. Wayesifa. UNksk. Wood, umhlobo wam olungileyo, wanditsalela umnxeba, kwaye wayelila, wathi, “Ndiyakhohlelwa ukuba uyakulitya iliso likamama liphume, kwiintsuku ezimbalwa.” Ugqirha uye waphathaphatha ngayo, ngento ethile, wayisasaza. Yayikwimeko embi kakhulu. Ndangena ndenza olula, umthandazo omncinane, ngokholo oluzinzileyo, lokuba iyakwenzeka. Kwaye nankuya ehleli apha ngokuhlwanje, ngokugqibeleleyo engenanto kwaye ephilile; akukho nechaphaza lawo eliseleyo, yonke iphilile, ebusweni bakhe. Uhleli apha phambi kwethu. Abanye ngeenxa zonke,

ngento enye. Ngoba? Kungenxa yokuba uYesu Kristu wavuka kwabafileyo, kwaye Uyaphila.

⁴² KwaLowo wayenakho ukuchukumisa oneqhenqa, waza wathi, “Ndingathanda, ukuba uhlambuluke,” unokuchukumisa umhlaza kwaye athi, “Ndingathanda, ukuba uhlambuluke,” ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

⁴³ Kwaye njengoko uKleyopa kunye nabo babehamba, bedimazekile, ngahlobo luthile babekwezo ntsasa zilusizi, kubonakala ngathi yonke into ayihambanga kakuhle. Kwaze konke ngeqbuliso, kwaphuma uMntu othile, njengokuba Wayesiza emva kwabo, wenyuka wabafumana. Yaye babengazi ukuba lowo yayiyiNkosi uYesu leyo! Wayephila, kwaye abantu abaninzi ababeMthanda babengazi.

⁴⁴ Kwaye yinto ekwanye njengoko kunjalo nanamhlanje. Baninzi abantu namhlanje abayithandayo iNkosi, kwaye abaqondi. Ungabaxelela ngayo, kwaye noko abanako ukuqonda ukuba Uyaphila ngonaphakade, ngokuhlwanje, ukuba Ulapa kweli bandla ngokuhlwanje, ukuba Uphakathi kwethu, kwaye uyakubakho ade Afike esenyameni, umzimba wenyama. “Andiyi kukushiya ndingasayi kukuyekela.”

⁴⁵ Kwaye njengoko babehamba kwaye baqalisa ukuthetha endleleni, Yesu, ndifuna ukuba uqaphele into yokuqala awayenzayo uYesu, waya ngqo eSibhalweni, Wathi, “Owu, basweli kuqonda ngentliziyo, ingaba kunzima na kuni ukukholwa oko bakuthethayo abaprofeti?” Kuba, Ebesandula ukubabuza, “Kutheni nithe matsha matsha kangaka?”

⁴⁶ Kwaye bathi, “Ingaba Ungumhambeli? Akwazi na ukuba uYesu waseNazarete, Ebesiba unguye uMesiya, uMkhululi kaSirayeli, akwazi na Wena ukuba lo ngumhla wesithathu kusukela wabethelelwa Yena emnqamlezweni? Kwaye WayeyiNdoda enamandla eLizwini. WayengumProfeti onamandla, ngokuba loo mimangaliso mininzi nezinto ezinjalo, uThixo wazenza ngaYe. Kwaye olu lusuku lwesithathu; kwaye ngoku bambulele Yena, bamngcwaba Yena, kwaye Wayesengcwabeni. Kwaye abanye abafazi beze kuthi basixelela ukuba Uvukile kwabafileyo. Kwaye besisazi ukuba yayilibali nje lobudenge, ngoko sisendleleni ebuyayo.”

⁴⁷ Ngoko kuxa Waqalisa ukulivula iLizwi. Owu, ndiyalithanda iLizwi likaThixo elinguNaphakade! Waqalisa ukutyhutyha iZibhalo, eqala kuMoses. Akazange ashiye nantoni na ingatyhilwanga, Waya ngqo eLizwini!

⁴⁸ Nayiphina indoda ethunywe nguThixo, andikhathali nokuba ingubani na, iyakuhlala neLizwi likaThixo. Ukuba ayenzi njalo, ayingomkhonzi wokwenene kaThixo.

⁴⁹ Waya ngqo eLizwini. Kwaye Wabonisa, ngeLizwi, ukuba uKristu kwakumele afe, avuke kwakhona, aze angene

eBuqaqawulini Bakhe. Ngoku, owu, indlela abamele ukuba bathetha ngayo!

⁵⁰ Ndingathanda ukuba ndaba nezo yure zimbawo ndithetha naYe (awungekhe?) endleleni. Uthi, “Ke, Mzalwana uBranham, ngokuqinisekileyo ndingenza njalo. Ndingwenela ukuba bendinganako.” Ke, singayifumana ngoku. NguYe lowo uthetha nawe, entliziyweni yakho. Awuyazi nje.

⁵¹ Ngoku qaphela njengoko Wayesondela esixekweni, kwakusihlwa, Wenza ngathi uza kudlula.

⁵² Angayenza loo nto kuwe, nawe. Usenokukwenza ucinge ukuba Uyakudlula, kodwa Akayi. Akayi kudlula. Ufuna nje ukuba uMmembe.

⁵³ Bathe ke kuYe, “Owu, imini iphelile. Ngoku musa ukuqhubeka, kodwa nceda ungene kwaye uhlale nathi.” Mnike nje Yena olo hlobo lwesimemo, ufumanise ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Bathi, “Imini iphelile ngoku, Yiza uhlale nathi. Sekurhatyela.” Emva koko Wajika wangena, kwindawo encinane yokutyela, kwindlu encinane yabahambi.

EYurophu basenayo. Uyatya kwaye ulale, kwaye yonke into ihlawulelwa ngetyala elinye, ihotele yakho.

⁵⁴ Wathi Akungena kunye nabo ngaphakathi! Nali icandelo elihle. Yonke la mini, ngelixa babethetha naYe, Akazange athethe nanye into. Noko ke, babekhe bahamba naYe kwaye bethetha naYe, ngaphambili, kodwa abazange bakuqonde oko.

⁵⁵ Ngubani owakunqanda ukuba ungafumani la ngozi ngenye imini? Ngubani oye wenza olwa sana lwaphila? Ngubani okuhlawulele elo tyala legrosari? YayinguYe, kodwa awuyiqondi nje loo nto. Ngubani okunika impilo ukuba uphume uze enkonzweni ngokuhlwanje? NguYe, kodwa awuyiqondi loo nto. Owu, ukuba nje besinokwenza njengabo, siMbize nje ukuba angene!

⁵⁶ Wathi ke Akungena, wangena ngaphakathi, wavala iingcango, emva koko Wenza into ekungekho mntu wumbi wayenokuyenza ngaloo ndlela. Yayinguye kuphela Lowo wayenokuyenza loo nto, kuba babenaye ngaphambi kokubethelelwa Kwakhe. Kwaye Wathabatha esa sonka, kwaye, kanye ngendlela Awenza ngayo, leyo yayiyindlela Yakhe Yena yokuyenza. Kwaye amehlo abo avuleka, kwaye bazi ukuba yayinokuba nguYe kuphela. Akazange ahlale nabo ixesha elide. Wathi shwaka emehlweni abo, ngephanyazo nje. [UMzalwana uBranham uqhwa kraze iminwe yakhe—Mhl.]

⁵⁷ Kwaye endleleni yabo, babuyela emva ngokukhawuleza kangangoko babenako ukuhamba, belula, bekhwaza nje uloyiso, ukubaxelela ukuba, “INKosi ivukile ngokwenene!” Abazange babuyele emva ukuya kuxoxa inkolo yabo. Abazange babuyele

emva ukuya kuxambula ngayo. Kodwa babesazi nje ukuba wayevukile kwabafileyo!

⁵⁸ Ngoku, zihlobo, ukuba uYesu Kristu, uNyana kaThixo ophilayo, emva kweminyaka elishumi elinesithoba edlulileyo, ukuba iBhayibhile iyinyani, Wathi, “Ndiyaphila ngonaphakade,” Uyaphila kanye apha, kwesi sakhiwo ngokuhlwanje, njengokuba Wayenjalo ngemini yovuko Lwakhe, Usemzimbeni nje.

⁵⁹ Abanye babo babehlenganisene ndawonye. Kwaye Weza kanye ezindongeni, wavela kanye phakathi, phakathi kwabo, wathi, “Apha, Ndicofeni. Jonga kumanxeba aM ezandleni Zam. Ingaba umoya unenyama namathambo njengam na?” Wathi, “Ndipheni Mna into yokutya.” Kwaye bamnika Yena intlanzi nesonka. Kwaye Wema phaya wayidla, phambi kwabo, wathi, “Umoya awutyi njengokuba niNdibona ndisitya.”

⁶⁰ Yintoni Yena? Ungolowa mkhulu, uYehova uThixo ophilayo ophakathi kwethu ngokuhlwanje. Uphakathi kwaphina apho ababini okanye abathathu bahlanganiseneyo khona: “Ndiya kuba phakathi kwabo.”

⁶¹ Kwaye ngoku nantsi into endiyicingayo. Ukuba uKristu uya kuza kwesi sihlwele sabantu, ngelixa nibilayo, nilindile, kwaye aqondakalalise, ngale Pasika, ukuba Uyaphila, kwaye umi kwesi sakhiwo ngokuhlwanje, ngoko ninelungelo lokuMcela nantoni na Awayifelayo, kwaye nikholwe ukuba niyakuyifumana. Niyakholwa ukuba yiNyaniso leyo? Ngokuqinisekileyo, yiyo.

⁶² Ngoku, ndingathetha ixesha elide kuni, kodwa iLizwi elinye elivela kuKristu liya kuthetha ngaphezu kunawo onke amazwi endinokuwathetha; ukudinwa nokubulaleka ngelizwi, nokudinwa njengoko kunjalo ngelizwi.

⁶³ Kwaye ke enye into, ekuthetheni, kunzima, kuba eli likhaya lam, ukuba nomhlangano oyimpumelelo nentambiso kaMoya ngolo hlobo. Ngoba? Kaloku eli likhaya lam. UYesu watsho ukuba, “Umprofeti, ekhayeni lakhe, ezweni lakowabo, nkqu nakwisithili sakowabo.” Yinto nje eyenzekayo ngaloo ndlela.

⁶⁴ Bathi xa Waya kwikhaya ElileLakhe, bathi, “Lo asinguye na unyana womchweli? Asingonina Wakhe, uMariya, apha nathi? Abakho bonke na apha nabazalwana Bakhe, noodade Bakhe? Ngaba asibazi? Waphuma kwesiphi isikolo? Wayephumelele kwesiphi semfundo yakwalizwi? Zeziphi iziqinisekiso aziphethayo?” Kwaye Akazanga ngaso nasiphi na isikolo okanye nasiphi na isikolo semfundo yakwalizwi, okanye naziphi na iziqinisekiso, kodwa Uphuma kuThixo. Kodwa abazange babenakho ukuyibona. Bathi, “Ubufumana phi na Yena obu bulumko?”

⁶⁵ Kwaye bathi bakumbona ecalula ezo ngcinga zabantu, xa uPetros weza kuYe, Wathi, “Igama lakho nguSimon, igama

likatata wakho nguJonas,” yamkhahlela phantsi. Wayemazi njani yena?

⁶⁶ Bema khona abaFarisi, baze bathi, “UnguBhelezabhule. Uyinkosi yabavumisi. Ungumtyholi!”

⁶⁷ Waze wathi uYesu, “Nitsho oko ngokuchasene nam, uNyana womntu, niya kuxolelwa. Kodwa xana uMoya oyiNgcwele uthe wafika wenza kwaloo nto inye, uze uthethe ilizwi elinye ngokuchasene naWo, ayisokuze ixolelwe, kweli hlabathi okanye kwelizayo.” Ngoko ke, yinto eyingozi. Ngoko Wazi njani? Kwakutheni ukuze Athethe loo nto? Wayesazi ukuba loo miqondiso yayiya kuphela kude kube ngulo mhla wokugqibela.

⁶⁸ Kwaye kule mhla yokugqibela, Akayi kuba lilungisa, ukuthulula ingqumbo Yakhe phezu kwabantu abangamalungisa. Bane...Silinganise esikalini, safunyanwa silula. Kuphela kwento esicinga ngayo ngamaxesha amakhulu, iinkqubo zikanomathotholo, ezingancinwanga, uElvis Presley, u-Arthur Godfrey, iziqhulo ezimdaka zakudala, oonomathotholo nomabonakude abadumileyo. Sihlala ekhaya ngoLwesithathu ebusuku, singayi kumhlangano womthandazo, ukubona ukubola okunjalo, size sizibize ngokuba singamaKristu?

⁶⁹ Ngoko xa uThixo ethulula kuhle uMoya Wakhe, abonise imiqondiso yovuko Lwakhe, siyaWugweba sijike simnke. Kwaye eso sisono esingaxolelekiyo, ukwenza oko. UYesu wathi, “Thetha ilizwi elinye ngokuchasene naLo, alinakuze lixolelwe, kweli hlabathi okanye kwihlabathi elizayo.” Ke la Moya umelwe kukuba uze kule mhla yokugqibela, ukuze uqondakalise ela Lizwi likaThixo ukuba liyinyaniso.

⁷⁰ Kwaye ndithi, phantsi kwegunya leLizwi likaThixo, kunye nemvakalelo yomphefumlo wam: laa Moya oyiNgcwele ukwamnye (uMoya) ulapha kanye ngoku phakathi kwaba bantu. Ngoku, ndibange ukuba Uvukile kwabafuleyo. Ndabanga ukuba Uyaphila, uphila ngonaphakade. Ndabanga ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade; into ekwanye ngokomgaqo, into ekwanye kuMandla; into ekwanye kuyo yonke into, konke kuphela ngaphandle komzimba Wakhe ohleli ngasekunene kukaThixo nobuNgangamsha, eLuzukweni. Kodwa uMoya oyiNgcwele ulapha, usebenza, unyakama, usenza, wenza kanye njengokuba uYesu Kristu wenzayo, kuba bubungqina bokuvuka Kwakhe. Enjani yona ukuba ntle iyure! Ngoku ndiyaqikelela ukuba uyabona apho ndimi khona.

⁷¹ Ngoku, hayi kuphela ngaba bancinane, malunga nekhulu labantu, okanye amakhulu amabini abantu abalapha ngaphakathi—ngaphakathi kwesi sakhiwo sincinci, bexinene apha ngokuhlwanje, kodwa ndiyenze loo ntetho phambi kwamawaka aphindwe ngamawaka, namakhulu amawaka, ndibambe iBhayibhile ngesinye isandla, neKoran ngesinye, ndathi, “enye ilungile, kwaye enye ayilunganga,” kwaye ndacela

umngeni kuwo wonke umbingeleli kaMohammed ukuba eze aze aqondakalise, okanye nawuphi na omnye, uBuddha, okanye nantoni na anokuba yiyo, ngokuchasene neKoran, kunye nokuchasene nenkolo yabo, kodwa wonke umntu uthi cwaka.

⁷² Kodwa, bazalwana, isizathu sokuba ndenze oko, kungokuba ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uyaphila! Kwaye Yena uyiNyaniso. UYesu Kristu uyaphila. Ulapha!

⁷³ Ngoku asiyo nto ingaphakathi kum endinokuyenza, sisipho sikaThixo. “Uyenza njani?” Kukuzinikezela nje ngokwakho.

⁷⁴ Kanye kwesi sakhiwo ngoku zezininzi, ezininzi iiNgelosi. Uthi, “Ingaba siSibhalo eso?” YiBhayibhile leyo. Makhe ndikubonise. Mangaphi amaKristu alapha? Phakamisa isandla sakho. Kulungile, ungazithoba. IBhayibhile itshilo ukuthi, “Izithunywa zikaThixo zibangqongile abamoyikayo Yena.” Ngoko, kukho iiNgelosi apha!

⁷⁵ Emva koko uKristu wathi, “Naphina apho bahlanganisene khona ababini okanye abathathu eGameni laM, ndoba phakathi kwabo.” Ngoko, Ulapha! Inye kuphela into ekuyiyo, awunakumbona Yena, kodwa ngokholo siyayikholelwa.

⁷⁶ Ndingayiqondakalisa kuwe ukuba unomathotholo uyeza apha, naye, amazwi. Ndingayiqondakalisa kuwe ukuba imifanekiso iyangena apha. Ayinakubetha *kule* tyhubhu apha; ayinakubetha *kule*, le kristale, kulomboko wokuthetha; ingasayi kungena kwesi siqwenga sento, kuba yayingenziwanga ngolo hlobo. Kodwa kukho isiqwenga sento esiya kuwavelisa kwakhona lamfanekiso.

⁷⁷ Kwaye uThixo wayimisa inxenye eBandleni, kuqala yangabapostile, kwaza kwaba ngabaprofeti, abafundisi, abavangeli, nabelusi, konke kusenzelwa ukugqityeleliswa kweBandla. Sinokuthini ukwala omnye, kwaye sithi omnye akanjalo? UThixo uyayenza, ngoKwakhe. Asiyo nto ehlabathini kuphela ukuzinikela kwakho kuMoya oyiNgcwele. Kwaye uMoya oyiNgcwele uthatha indawo ukusuka apho, kwaye awuyazi into oyenzayo. Ngumsebenzi ozimele geqe kaMoya oyiNgcwele.

⁷⁸ Ngoku, zihlobo, dolophu yakowethu. Kwaye ndifuna ukuthetha oku ngoku, phambi kokuvala le mvuselelo. Ngolunye lwezi ntsuku akusayi kusabakho nkqu nothuthu olusalayo eJeffersonville, akusayi kubakho namnye usalayo eCharlestown, akuyi kubakho namnye usalayo eLouisville. Eli hlabathi lilungele umgwebo. Banebhombu ye-hydrogen ngoku enokuthi iRussia iyidubule isuka eMoscow, iyibeke kwiStrato iSine, ithabathe zonke kwezi ndawo zomgubo zijikeleze apha, izitshonise amashumi asixhenxe anesihlanu eenyawo phantsi komhlaba, ngebhombu enye. Ibhombu enye; ishumi elinesihlanu leemayile macala, iyakuya kwikhulu elinamashumi amahlanu eenyawo emhlabeni. Isandla sikwi-sikwindawo yokudubula.

Iwotshi iyahamba. Kusemva kwexesha kunokuba ucinga. Kutheni ulinda de kube lelo xesha?

⁷⁹ Khumbula, “Lo mnquba wasemhlabeni uthe wachithwa, sinomnye osele ulindile.” Musa ukoyika iibhombu ze-hydrogen okanye enye into. Okoko nje unoKristu entliziyweni yakho, lelona khushi lebhombu endilaziyo. Yenziwe ngeentsiba; phantsi kwamaphiko Akhe, uhleli. Ngoko musa ukuzikhathaza ngezo zinto, ukuba ungumKristu.

⁸⁰ Kodwa ukuba awungomKristu, ngokuqinisekileyo umi kwindawo eyoyikekayo. Awazi ukuba ngowuphi umzuzu intliziyo yakho iya kuyeka ukubetha. IBhayibhile ithe amadoda ayakufa ngemihla yokugqibela, yinkathazo yentliziyo, “Intliziyo yamadoda isilela, uloyiko, ukubhideka kwamaxesha, ukuxinezeleka phakathi kwezizwe.” Khangela okungakumbi, ishumi eliphindiweyo ngokobuninzi bamadoda afayo, kunabafazi; IBhayibhile ayizange ithi iintliziyo zabafazi ziyakusilela, Yathi, “Intliziyo yamadoda yayiza kusilela.” Iqiniseke, ngokugqibeleleyo.

⁸¹ Ngenye imini e-Oakland, inkosikazi kunye nam sasiphaya eSan Francisco, laa nyikima inkulu yanyikima. Waze umhlaba waqalisa ukuvuthuza nokuhixa phaya, zade izakhiwo zashukuma, neetshimini zawa. Iibhola ezinkulu zomoya zenyuka *ngolo* hlobo, nomsi kuwo, okanye umsizi, nokuba yayiyintoni na, uphuma kwezo ndawo. Kwaye abantu babalekela ezitratweni, bekhala. Ndaye ndacinga, “Kuya kuba yintoni xa iNkosi ibonakala ngenene?” Iindawo zokuthengisa utywala, ziqhubeka, zibeka utywala bazo, zibubuyisela ezishelufini, zibuthengise. Bangena abantu beze kuthenga. Indoda yayingenakubuthengisa ukuba akukho mntu ubuthengayo. Injalo lonto.

⁸² Kukuthi, singabanetyala. Makhe ndikuxelele, mzalwana. NdingumMelika, kwaye ndiyalithanda ilizwe lam. Kodwa esi sizwe sidala silinganisiwe esikalini, safunyanwa silula. Iyatshona, ngokuqinisekileyo njengokuba ndingumlungiseleli emva kweli qonga ngokuhlwanje. Ngoku ndikutsho oko ukuze ndifumane ubabalo kuThixo. Ndiyitsho kuba uThixo ebeke entliziyweni yam ukuba ndiyithethe. Kwaye eyona nto ingcono onokuyenza kukulungiselela uKuza kweNkosi.

⁸³ Ngoku kholwa kuYe, yibani nokholo kuYe. Ngoku, onke amazwi endinokuthi ndiwathethe, ndiyatsho kwakhona, ebengayi kuthetha nanye into koko ebenokuthetha uYesu. Kodwa uyayiqonda indawo endimi kuyo, neli qela labantu ngokuhlwanje? Ndingabe nditolike ngendlela engeyiyo into ethile, okanye ndithethe iNyaniso. Ngoku ukuba uYesu Kristu uvukile kwabafileyo, kwaye, wathembisa, izinto ezikwanye Awazenzayo nathi siya kuzenza, kwaye ndenze ibango, ukusukela kusana oluncinci oluyinkwenkwe. . .

⁸⁴ Ndandingenanyanga ezilishumi elinesibhozo ubudala, ndiyaqikelela, kodwa hayi ngaphezulu kweminyaka emibini, nakanjani, xana ndabona umbono wam wokuqala. Iyiyo, ibinjalo, ubomi bam bonke. Abantu apha emnqubeni, bayakwazi oko. Okoko bendilapha, akukho nalinye ixesha owakhe wasilela. Kwaye ayisayi kusilela, kuba nguThixo. Ehlabathini lonke iyile, imvuselelo enkulu iye yakhanyisa. Kwaye ngoku, ngobabalo lukaThixo, ndikwimiphefumlo yam yesigidi sesibini, kanye kumhlangano ongowam, ndizuzela iNkosi uYesu. Isigidi sesibini, injalo lonto. Kwaye cinga nje ngezinye izigidi eziphumileyo, U-Oral Roberts, zonke iintlantsi eziye zaphemba kuloo nto, zaqhubela phambili, amawaka aphindwe ngamawaka, de kwihlabathi jikelele kukho imvuselelo enkulu enamandla yaMandla kaThixo, ahambayo. Kwaye umtyholi ukhulula zonke iintlobo zezinto ezibubuxoki, ukuze aYichase. Kodwa elenene, iLizwi lenyaniso likaThixo liyakuya ngqo ekupheleni. Alisoze lasilela! “Mna Nkosi ndiyityalile. Ndiya kuyinkcenkceshela imini nobusuku, hleze omnye ayinyothule esandleni saM.”

⁸⁵ Ngoku, ngokuhlwanje, ndibange ukuba uKristu uvukile kwabafuleyo. Isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ngoku, iNkosi ikusikelele. Ukuba Iyakuyenza loo nto, ngoko wena. . . Ukuba uyayikhola, uThixo akusikelele. Mcele Yena, ngoko, xa Evela embonisweni. Ukuba uKristu uyakuvela apha kweli qonga! Nanku umngeni. Ukuba uYesu Kristu, uNyana kaThixo, uya kuvela kanye apha eqongeni, kwaye enze izinto ezikwanye Awazenzayo xa Wayelapha emhlabeni, uyakuMkholelwa na?

⁸⁶ Khangela kuYe, endleleni eya e-Emawusi, indlela loo makhwenkwe, qhekeza ngayo. . . Xa Waqhekeza eso sonka, Wenza into ethile phaya ekungekho mntu wumbi wayenokuyenza. Yayiyinto ethile eyayinokwenziwa nguKristu yedwa. Kwaye bayiqonda loo nto.

⁸⁷ Ngoku ukuba Uyakwenza kwaloo nto inye apha, enokuba nguKristu yedwa onokuyenza; hayi into ebubuxoki, kodwa kwa lonto ikwanye Awayenzayo; ngoko Mkholelwe, Mamkele, yiba nokholo kuYe, Mthande, Mkhonze.

⁸⁸ Mandikuxelele, sukujoyina icawa ngoku. Ayizukusebenza loo nto. Umelwe kukuba uzalwe ngokutsha. Hayi ukuzenza iimvakalelo; hayi into ethile encinci oyithethileyo, “Ke, ndakhwaza. Ndathetha ngeelwimi. Ndenze *oku*,” lonto asiyiyo. Xana ngenene ezantsi entliziyweni yakho, iNto ethile iyeza kukuguqula, uze ube sisidalwa esitsha kuKristu Yesu; wamkela uMntu, uKristu Yesu; xana izinto ezindala zisifa, kwaye izinto ezintsha zizalwa ngokutsha; uyalungisa izinto, othe wazenza ngokungalunganga; uyazithanda iintshaba zakho, uyabathandazela abo bakutshabhisayo; kuxa ungumKristu. Umthi waziwa ngeziqhamo zawo.

⁸⁹ Yanga iNkosi inganisikelela ngoku, njengokuba sithobisa iintloko zethu. Ndiza kucela udade ukuba aye kwipiyano, adlale ngokucotha, “UMnyangi omkhulu ngoku ukufuphi, uYesu onovelwano.” Kwaye wena ungaphandle, ngoku, unamakhadi okuthandazelwa, sondela ngasemnyango, sizakuqala nje emzuzwini. Masithandaze.

⁹⁰ Bawo wethu oseZulwini Osikelelekileyo. Owu, ilizwi lam elibi, iinyanga ezine zokuthetha, ndidiniwe nje kakhulu ngelizwi lam. Kodwa ndiyathandaza ukuba Uyakundinceda kanye ngoku. Apha kuyakubakho elinye inyathelo elibalulekileyo kuMnquba kaBranham. Apha kuya kuvela elinye ingqina ngemihla yokugqibela, ngoMhla woMgwebo. Abaninzi abemi ngaphakathi nangaphandle, ngobu busuku, abaninzi babo bayazibuza, abaninzi bayacinga, “Ingaba yinyaniso, okanye asiyonyaniso?”

⁹¹ Owu Bawo onguNaphakade noSikelelweyo, siyathandaza ukuba ngoku Uyakubonakalisa uthando Lwakho kuthi, ngokubonakala apha wenze iLizwi Lakho libe yinyaniso. Ndithethe ngeLizwi Lakho, njengokuba Wenzayo, ngoKwakho, kuKleyopa nomhlobo wakhe, ukuya e-Emawusi. Kwaye endleleni yethu, Nkosi, njengokuba sihamba, Wena thetha nathi ngeLizwi Lakho. Kwaye yiza ngoku phakathi kwethu! Owu Kristu oMkhulu, yiza phakathi kwethu, qondakalisa aMazwi Akho ukuba ayinyaniso, kwaye wenze uBukho bakho bubonakale apha ngokuhlwanje. Njengokuba, thina zidalwa zihluphekayo zingafanelekanga sivuma ukuba singaboni kwaye asizifanelanga ezi zinto, kodwa siyayikholwa, Nkosi. Kwaye ngobabalo siyayamkela, ngokholo, okokuba sisindisiwe, kwaye singabantwana Bakho. Sisikelele ngoku, Nkosi.

⁹² Ndiyazi ukuba iLizwi Lakho liyinyaniso, xa Wathetha malunga “umprofeti emzini wakowabo, phakathi kwabantu bakowabo.” Kodwa, Nkosi, ndiyathandaza, ngobu busuku nje, ukuba Uyakujonga nje ezantsi ebantwini, kwaye uzibonakalise Wena kube kanye ngakumbi apha kwesi sixeko, ngokushukuma koMoya oyiNgcwele. Owu Thixo onguNaphakade, sisikelele ngoku njengoko silindele kuWe. Kwaye yenza izinto Owazenzayo ngaphambi kokubethelelwa Kwakho, kwaye iJeffersonville ayizukubanayo nanye into yokukhalaza. Kodwa, siyazi ukuba baya kuba bengenasizathu sakuzithethelela ngaloo Mini, ukuba Uzibonakalalisile Wena. EGameni likaYesu, ndiyathandaza. Amen.

⁹³ [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...hayi le afuna ndiyithandazele. Hayi, asingomhlaza, kuba uphilisiwe kuloo nto. Kodwa ufuna ndithandazele ingxaki yomqolo anayo. Injalo lo nto. Yingxaki emqolo. Ingaba oko kulungile? Ngoku uyakholwa ukuba Wavuka kwabafileyo? Ngoku khangelana. Ukuba ndikhe ndathetha naye ixesha elidana, mhlawumbi kungathethwa naye into. Andazi. Ngoku, bendingayazi ukuba

yintoni ingxaki yakho. Andiyazi ngoku ukuba yayiyintoni. Yabona? Kodwa izishicileli zinayo, ungafumanisa oko Wakuthethayo.

⁹⁴ Makhe sithethe umzuzu nje omde, sibone ukuba Uyakundixelela enye into na. Ndibona umfazi ojonge into kuluhlu... Ngomnye umfazi, kwaye uyamthandazela. Kwaye ukolunye uhlobo lweziko okanye isibhedlele, luhlobo lwe... yindawo yengqondo. KuseMadison, eIndiana. Ungu—u—u—udade omfunela umthandazo, okwiziko. Kwaye ukuba uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke, nangako konke okungaphakathi kuwe, UThixo uya kukuhlangula kwaye uyakuphilisa umqolo wakho akwenze uphile. Uyayikholwa ngoku? Kulungile, yiza apha.

⁹⁵ Bawo waseZulwini Othandekayo, siyathandaza ukuba eGameni likaYesu Kristu, ukuba Uyakuphilisa lo mfazi, kwaye umenze aphile. Kwaye unikeze le ntsikelelo kuye. Kwaye ndiyathandaza ukuba iinceba zikaThixo ziphumle phezu kwakhe, kwaye ziyakuphilisa, kwaye Uzifumanele uzuko. Ndiyathandaza eGameni likaYesu Kristu. Amen.

⁹⁶ Ndingakutsho oku. Kukho ukungcangcazela okuvela phaya, ukusuka kanye emva *apha*. Umzuzwana nje, yima apho umzuzu nje. Ndiqaphele okwa kuKhanya kukushiyile. Kukho okuninzi kakhulu, kuxinene kakhulu apha kum. Wonke umntu uyatsala. Kodwa ndiyaKubona kusiza kuwe. Ngumntu othe... Abantu—unotyando lobufazi oluzayo. Injalo lo nto. Ndibone abantu ababini okanye abathathu bevela, kwaza ukuKhanya kwajingiswa kanye phaya emva kwaza kwabetha laa mntu umi kanye phaya emva. Ngabo bathandazela oko. Yabona? Ilungile lo nto. Kwaye unayo, yimeko yenenekazi elenziwe uqhaqho lobufazi. Injalo lo nto. Ngoku hamba uye kwamkela ukuphiliswa kwakho, kwaye iNkosi uThixo yakuphilisa. Amen.

⁹⁷ Ungeza na? Inenekazi, uyakholwa kwiNkosi uYesu? [Uthi udade, “Ewe Mhlekezazi.”—Mhl.] Uyakholwa ukuba Wavuka kwabafileyo? Ngoku, ukwazi wena, andikwazi. Inokuba ndikubonile ukuba usuka apha. Andazi. Abantu bayeza bahambe, andikho kufutshane nomnquba apha ngokwaneleyo ukuba ndazi. Kodwa, wena, ungowasesixekweni? [“Ewe.”] Usuka esixekweni. Kulungile, ngoko, kodwa andikwazi. Kodwa uKristu uyakwazi. Kodwa ukuba Uyakutyhila kum, emi apha, into ozele yona apha, uyakuyikholwa na kwaye uyamkele? Kwaye uyazi ukuba andazi ukuba uzele ntoni apha, andinalwazi. Inye into, usenokuba undibonile edolophini, okanye into ethile, okanye—okanye into ethile. Andazi. Oko kuxhomekeke kuThixo u—ukwazi oko.

⁹⁸ Kanye phaya emva, ufuna ukuphelisa laa ngxaki yethumbu ubunayo? Uyakholwa ukuba iNkosi uYesu iyakuphilisa? Ukuba uyakuyikholwa, ungayifumana.

⁹⁹ Omnye unomlinganiselo wegazi ombi, ehleli phaya emva, ndababona bethatha. Uyakholwa ukuba iNkosi iyakukuphilisa? Konke kulungile. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Ngoko ungayifumana impiliso yakho, uThixo ukuphilisile kanye ngoko. UMchukumisile. Awuzange undichukumise, ukude ngeenyawo ezingamashumi amathathu kum. Amen.

¹⁰⁰ Ngoku uyakholwa ukuba Uvukile kwabafileyo? Jonga nje, uze uphile, ngoku ngeli thuba umgca uhamba. Owu, kunzima kakhulu apha eJeffersonville! Yabona? Kwaye isihlwele esinje ngesi singqonge wena, wonke umntu! UYesu wabamba umntu ngesandla, wamrholela ngaphandle komzi, ngaxesha lithile.

¹⁰¹ Ngoku jonga ngale ndlela, dade, okomzuzwana nje. Kholwa ukuba iNkosi uYesu ikhona ukuze ikuncede. Uhlutshwa yingxaki ekwithumbu lokukhupha ilindle, kwaye ugqirha ukuxilongile. Kwaye ukuxelele ukuba unokudumba kwemithambo kwithumbu lokukhupha ilindle. Ndiyakubona kanaanjalozama ukuhamba ukunqumla indlu, kwaye uhamba kancinci ngenene. Unesifo samathambo. Lowo ngu ITSHO INKOSI. Ugqirha uthe kufuneka utyandwe. Injalo kanye loo nto. Kwaye ndimbone etyikitya ela khadi lincinane phaya kwi ofisi yakhe: Rebekah Baker, 509 Graham Street. Injalo kanye loo nto. Oko kuse-ofisini yakhe, kwirekhodi. Injalo lonto. Uyakholwa? [Uthi udade, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Ngoko ungayifumana impiliso yakho. EGameni leNkosi uYesu Kristu, wanga lo mfazi angayamkela impiliso yakhe. Amen. UThixo akusikelele, nenekazi. Hamba, ukholwa ngoku. Yiba nokholo kuThixo.

Ukuba nje ubunokubuqonda uBukho beNkosi!

¹⁰² Ngoku eli nenekazi limi apha, ukuze ube nako... Andikwazi, ngokokwazi kwam. Akundazi, kwaye nam andikwazi. Ingaba oko kunjalo? Konke kulungile. Ngoko ungumntu ongandaziyo, kwaye nam andibazi. Kwaye bendingalazi elinye inenekazi. Kodwa eli nenekazi lelingaziwayo kwaphela, ngokokwazi kwam. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho, nenekazi. Ixesha lethu lokuqala, ukuhlangana kwethu ebomini.

¹⁰³ Nanku umfazi nendoda. Umfanekiso omhle nje kaYohane oNgwele 4, apho umfazi neNdoda bahlangana khona; kwaye umfazi wayengumSamariya, uYesu wayengumYuda. Kwaye baqala ukuthetha omnye nomnye, waza uYesu wazityhila iimfihlelo zentliziyo yakhe wamazisa ukuba iphi na ingxaki yakhe. Ngoku, ukuba Ukwanguye lo Yesu namhlanje, Unokwenza kwaloo msebenzi namhlanje.

¹⁰⁴ Ukuba lo mfazi uyakusiphakamisela isandla sakhe kuThixo, hayi ukufunga (kuba, asikholelwa kukwenza oko), nje ukuphakamisa isandla sakhe phezulu ngokunyaniseka, nesam, okokuba asizange sabonana ngaphambili, kwaye asazi nto omnye nomnye. Ungasiphakamisa isandla sakho, nenekazi?

Nantso ke. Akazange andibone, okanye andizange ndimbone, kwaye ongangaziwayo kwaphela. Ngoku ukuba kukho . . .

¹⁰⁵ UBukho beNkosi uYesu bulapha. Ukuba umfazi uyagula, andikwazanga ukumphilisa. Sele ephilisiwe; UKristu wamphilisa xana Wamfelayo. Uyayikholelwa loo nto? Kodwa ukuba Ebemi apha ngoku, kunye . . . apho ndimi khona, kwaye Ebeya, ebenokutyhila kuye, okanye enze into yokunyusa ukholo lwakhe! Ngoku, usenokuba umele ingxaki yemali apha. Inokuba ume apha egxakini yasekhaya. Usenokuba umi apha, esifa ngumhlaza. Usenokuba umi apha ene-TB. Andazi. Andikwazi ukukuxelela.

¹⁰⁶ Kwaye ngoku ukuba ufuna ukuzibeka endaweni yam, yiza apha uze uthabathe indawo yam, wamkelekile. [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Ngokuqinisekileyo. Nam andazi, ndingasayi kuyenza. Kodwa uThixo weZulu uyazi. Ingaba uyaqonda ngoku?

¹⁰⁷ Kwaye ukuba uKristu uyakwenza kwaloo nto inye apha, iNyaniso engenakusilela, njengokuba Wavuswa kwabafileyo, waqondakalisa ukuba Yena ikwanguloo Yesu owathetha nomfazi equleni, bangaphi apha abathi, “NdiyakuMamkela kanye ngoku njengoMphilisi wam, okanye nantoni na endiyisweleyo?” Phakamisa isandla sakho, uthi, “NdiyakuMamkela ukuba Uyakwenza oko.”

¹⁰⁸ Umfazi ozandla zakhe ziphezulu, asizange sadibana. INkosi mayinikeze oko, ngumthandazo wam lowo. Ngoku eli nenekazi libonakala lisuka kum; ukuba abaphulaphuli banokulichola ilizwi lam. Ndibona umntu othile emile. Asiyoyakhe, kangako. Uthandazela omnye umntu, kwaye elo linenekazi esele likhulile. Ngumama wakhe, amthandazelayo. Yinyani leyo. Unohlaselo oluncinci lwentliziyo, ukuphaphazela okuncinci kwentliziyo, ngahlobo. Akakwazi ukulala ebusuku. Ingaba oko akunjalo? Phakamisa isandla sakho ukuba yinyani leyo. Kwaye ela nenekazi alisuki kweli lizwe. Ela nenekazi lisuka kude nalapha. Ela nenekazi lisuka eGeorgia. Injalo kanye ngqo lonto. Kwaye uvela eGeorgia. Kwaye ufuna umthandazo ukwenzela iliso lakho, kananjalo. Uba yimfama emehlweni akho. Kwaye yinyani leyo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Ukuba oko kuyinyani, phakamisa isandla sakho. Konke kulungile.

¹⁰⁹ Ngoku uyakholwa? Ngoku yiba nokholo kuThixo. Ngeli thuba ndimthandazelayo, zithandazele ngokwakho phaya, kwaye ukholwe kuThixo. Ulapha, ukho kuyo yonke indawo.

Yiza apha, dade.

¹¹⁰ Msindisi oSikelelweyo, ndiyathandaza ukuba, eGameni likaKristu, ukuba Uyakunika lo mfazi umnqweno wakhe. Anga aMandla kaThixo uSomandla angaphumla phezu kwakhe, kwaye wanga angaphiliswa afumane oko akucelileyo. Ndithandazela le ntsikelelo eGameni likaYesu. Amen.

111 Hamba ngoku, ugcoba, uvuya. Kwaye ukholwe, dade, uze uphiliswe. Konke kulungile.

112 Andiqinisekanga, kodwa ndiyakholelwa ukuba ndiyamazi lo mfazi. Ndiyakholwa ukuba ungowaseGeorgetown, kuba mna . . . Awusiso isihlobo sikaMzalwana u-Arganbright? Kakade, ngoku le ntambiso, yahlukile. Uyaqonda ukuba kukho umahluko ngoku. Xana ndithetha nawe kwenye indawo; yahlukile ngoku. Uve ngokuvakalelwa imvakalelo emnandi ngokwenene, ngathi. NguMoya oyiNgewe. Akuzelanga isiqu sakho apha. Ulapha ukwenzela omnye umntu, kwaye leyo yintombazana encinci emalunga neminyaka emine okanye emihlanu ubudala. Inengxaki yezintso, kwaye ihlala emantla e-Indiana. Yinyani leyo. Oko unako esandleni sakho, kuthumele kuyo, kwaye iya kuphila. Kholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku, kwaye wamkele oko ukucelileyo, eGameni likaKristu.

“Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka!”

113 Nali inenekazi endingalaziyo. Andikwazi, andizange ndakubona ebomini bam. Singabasemzini omnye komnye, iminyaka emininzi ngokwahlukeneyo; mhlawumbi ezininzi, sizalelwe kwiimayile ezininzi ezahlukeneyo. Andikwazi, andizange ndakubona. Kodwa uYesu Kristu uyakwazi.

114 Into ethile eyenzekile kubaphulaphuli; indoda ibonakele ngakum. Nantsi ihleli, kanye apha, inkaba egqabhukileyo. Uyakholwa, mhlekazi? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoko uKristu uyakuphilisa akwenze uphile! Amen.

115 Leyo yindlela yokuyenza, kholwa! Uchukumise ntoni? Andizange ndayibona loo ndoda; kodwa yaphiliswa kanye phaya. Ichukumise iNkosi uYesu Okhoyo apha. Kususe oko kungakholwa kuwe! Ulibale ngam ukuba ndinguWilliam Branham. Khangela kuYesu Kristu, nguYe Olapha. Ndiyalucela umngeni ukholo lwakho, eGameni likaKristu, ukuba ulibale ngam; kwaye ukholwe ukuba le yiNkosi uYesu apha, uze ubone ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Andikhathali ukuba uphi esakhiweni.

116 Ngoku nanku umfazi omncinane. Zange ndambona. Mdala kunam. Yena, andimazi ukuba ungubani, usuka phi, akukho nto ngaye. Ndingumntu ongaziwayo kwaphela kuye. Kodwa uKristu uyamazi.

117 Ukuba Uyakutyhila kum into ozele yona apha, uyakuyamkela kwaye uyikholelwe? [Udade uthi, “Ngokuqinisekileyo.”—Mhl.] Ubunemvakalelo engaqhelekanga kwimizuzu embalwa edlulileyo, xa bendithetha into ethile, akunjalo? Yayingudade wenu okwiziko lempambano eMadison, e-Indiana. Ilungile loo nto. Kuba, omnye umfazi wayemi apha, kwaye wena ubumi phaya ujonge kanye ngapha ngale ndlela. Kwaye umbono, wawukholelwa ekunyukeni kwakho. Injalo kanye ngqo loo nto. Yiloo nto eyenzileyo. Kwaye isizathu

sokuba ube lapha ngokuhlwanje, kungenxa yokuba unengxaki yentliziyo. Ubusandula ukuba nohlaselo lwentliziyo. Injalo kanye loo nto. Kwaye ndiyabona ngoku, njengokuba ndijonge embonweni, laa mhlaba uqengqelekayo. Usuka kwenye indawo apha emazantsi e-Indiana. Usuka kufutshane neCorydon, kulapho usuka khona. Buyela ekhaya, uphillile. UYesu Kristu uyakuphilisa. Lowo ngu-UTSHO UMOYA OYINGCWELE.

¹¹⁸ Yibani nokholo, nikholwe. Musani ukuthandabuza. Kholwani nje kuphela. Ngaba unokubuqonda ubukho ndaweni zonke beNkosi uYesu? Okunjani ukumangalisa! Yintoni ingxaki?

¹¹⁹ Ngapha ekoneni, ndibona umbono. Ugqirha akazi nokuba ngumhlaza okanye i-TB. Ilungile lo nto. Kodwa ukuba uyakukholwa yiloo nto, uphillisiwe, nakanjani na. Ukholo lwakho lukusindisile. Qhubeleka.

¹²⁰ Nantso ke. Ubukho kwindawo zonke bukaThixo ophilayo! Ndilucela umngeni ukholo lwakho. “Ukuba unokukholwa!” Ngoku, Uvukile kwabafileyo. Ulapha kunye nathi. NguYe lowo! Zizo ezo zinto kanye Awazenzayo xa Wayelapha emhlabeni. Amawaka amabini eminyaka idlule, Usaphila, yaye Udla ubomi ngonaphakade. Kholwa nje, yiba nokholo.

¹²¹ Andikwazi, nenekazi. Andizange ndakubona ebomini bam, andazi nto ngawe. Yinyaniso leyo, akunjalo? UYesu Kristu uyakwazi. Ukuba uThixo uyakutyhila kum ukuba ulapha ngantoni, uyakukholwa kuYe, kwaye undikholelwe ukuba ndingumprofeti Wakhe? Ukuba Uyakuyenza loo nto, uyazi ukuba kukho Into ethile endithambisileyo. Kuya kufuneka uyazi ukuba kOkuya. Ngoku ukuba ndithe, “Ndiza kukubeka izandla zam phezu kwakho, uphile,” unokuba nelungelo lokuyithandabuza loo nto. Kodwa ukuba uThixo undixelela into oyaziyo ukuba iyinyaniso, ngoko uyazi ukuba okuya kuyinyaniso okanye hayi. Ingaba kunjalo? [Uthi udade, “Oko kunjalo.”—Mhl.] Kukuphazamiseka kobubhinqa. Ubutyandiwe, ndikubona uphuma kwitafle yokutyandwa, unento emhlophe phezu kobuso bakho, kodwa aluzange lwaphumelela. Kunjalo oko. Kodwa, laa mtyholi wazimela kugqirha, kodwa akanako ukuzifihla kuThixo. Goduka, uze uphile, nenekazi, uYesu Kristu ukuphilisile waza wakwenza waphila.

Ukuba nje ungakholwa!

¹²² Ndingowasemzini kuwe, nenekazi. Ingaba uyakholelwa ukuba uYesu Kristu, uNyana kaThixo, ukho? Uyakholelwa ukuba Uyakukuphilisa? Isifo seswekile asinto, ukuba uThixo asiphilise. Uyakholelwa ukuba Uyakukuphilisa? Ngoko ke goduka uze wamkele impiliso yakho, eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo. Amen.

Yiza apha, nenekazi. Uyakholelwa?

¹²³ Ngoku yeka ukucinga oko phaya emva! Asilulo u “fundo lwengqondo.” Awukwazi ukubhungca ngoku! Makhe ndikubonise.

¹²⁴ Andimazi lo mfazi. Beka izandla zakho kwezam, nenekazi. Ukuba uThixo uyakundityhilela ukuba yintoni ingxaki yakho, mna ndijonge *ngale* ndlela, uyayazi ukuba andifundi ngqondo yakho, ukuba uThixo uyakutyhila kum ukuba yintoni ingxaki yakho, uyakukholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo, kwaye mna ndibe sisicaka Sakhe? Ukuba uyathanda, phakamisa isandla sakho. Unengxaki yobufazi, ingxaki yenenekazi. Ilungile lo nto. Ubnayoy; akunayo ngoku. Uphilisiwe. Hamba ngendlela yakho, kwaye ugcobe ube nemihlali.

¹²⁵ Yiza, mhlekazi. Laa ngxaki indala yezintso, kunye nento ethile ekukhathazayo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Akuphilise kuyo? Ngoko, eGameni likaYesu Kristu, yamkela impiliso yakho, kwaye uhambe ngendlela yakho, uvuya. Amen. UThixo akusikelele, mzalwana.

Kholwa!

¹²⁶ Uziva njani, nenekazi? Ubungekuthandi ukuya, utye ukutya okumnandi kwakhona njengoko ubuqhele ukwenza? Ukhe wanexhala, akunjalo? Ibangele isilonda ethunjini sibe sesiswini sakho. Hamba, uyokuzifumanela ihambhega uyitye, uYesu Kristu ukuphilise. Hamba ngendlela yakho, uvuya;

¹²⁷ “Ukuba unokukholwa!” Yiba nokholo kuThixo. Uyakholwa? Ophilayo, onamandla onke uKristu ukho apha ngoku, ukuphilisa wonke umntu olapha.

¹²⁸ Umzuzu nje. Emva phaya ezantsi emgceci, ehleli kanye apha ezantsi, kuhleli umfana. Ukholo lwakho lukhulu kunokuba ubucinga, nyana. Ubnengxaki yentliziyo, akunjalo? Ukuba kunjalo, yima ngeenyawo zakho. UYesu Kristu wakuphilisa, nyana. Uphilile. Hamba ngendlela yakho, uphile.

¹²⁹ UyaMkholwa? Yiba nokholo kuThixo.

¹³⁰ Nantsi indoda endingayaziyo. Singabasemzini omnye komnye. Ndiyakholwa ukuba le ndoda ibibhaptiziwe ngale ntsasa. Kodwa andikwazi, andinalwazi ngawe. Ingaba oko kulungile? Ukuba uYesu Kristu uyakundityhilela ukuba ulapha ngantoni, uyakuyamkela na?

¹³¹ Bangaphi kubaphulaphuli abaya kuyamkela ngoku? “Ukuba unokukholwa!” Yiba nokholo nje. Musa ukuthandabuza.

¹³² Indoda inengxaki yolusu. Injalo lonto. Kwaye ndiyakubona usiba. . . Yinxaki yedlala ngasebudodeni, nayo. Injalo lonto. Ukuba kunjalo, wangawangisa isandla sakho. Kwaye ndibona into emnyama imi phakathi kwakho nomfazi; ngumfazi wakho. Uyamthandazela. Ungumoni, kwaye ufuna ukuba abe ngumKristu. Lowo ngu-ITSHO INKOSI. Injalo lonto. Hamba,

ubeke izandla zakho phezu kwakhe, kwaye umthandazele, ukuba uThixo oseZulwini uyakutyhila ukubaluleka kwezi zinto ziyinyani.

¹³³ Uyakholwa? Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyenza? “Ukuba unokukholwa!” Ndicela umngeni ukhohlo lwakho. Emva phaya ngasemva, naphi na apho ukhoyo, jonga uze uphile! Yiba nokhohlo kuThixo, naphi na apho ukhoyo. “Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka.” Ukuba unokukholwa! Khangela, jonga ngapha, thandaza.

Uthi, “Ujonge ntoni, Mzalwana uBranham?”

¹³⁴ Rebheka, buya ngapha kancinci, sthandwa. Yima kanye apho ukhoyo. Nantso intombazana yam encinci, eyakuthi ngenye imini ibe ngumprofetikazi, nayo. Ela nenekazi limi phaya ecaleni kwakho, sthandwa, lithwele umnqwazi omhlophe, likhathazwa yingxaki yesinus. Phakamisa isandla sakho, okanye yima ngeenyawo zakho, nenekazi. Uthandazela ukuba uThixo akubize, mandikubize. Ingaba kunjalo oko? Vumela intombazana yam encinci ibeke izandla zayo phezu kwakho apho.

Owu Thixo onguNaphakade, eGameni likaYesu Kristu, ndiyayikhalimela laa dimoni ikhathaza laa mfazi. Kwaye mayisuswe, eGameni likaKristu. Amen.

¹³⁵ Owu, malibongwe iGama leNkosi! Yanga iNkosi uYesu ingaZityhila, nayo. Uyakholwa ukuba Ulapha? Ke mandinixelele, nonke ngabanye, kanye ngoku, ukuba ninokuyikholelwa, UYesu Kristu uniphilisa nonke, khona ngoku. Ukuba amazwi am ayinyaniso *apha*, yinyani *phaya*. Ukuba niyakwenza le nto ndithi yenzeni, ningaphiliswa kanye ngoku. Niyayikholelwa? Ngoko bekani izandla omnye komnye. Beka nje izandla zakho phezu komnye, ngaphakathi okanye ngaphandle. Sukuthandabuza! Ndeva umoya osisithulu uhamba. Nanku Elapha, uKristu ovusiweyo!

¹³⁶ Owu Thixo onguNaphakade noSikelelweyo, eGameni leNkosi uYesu, ndicela umngeni wonke umoya ongolileyo, eGameni likaKristu iNkosi, ukuba uyakuyishiya le ndawo, aphume kwaba bantu. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele omkhulu ngoku angabhaptiza wonke umntu olapha, ngokhohlo olukhulu lokukholwa.

¹³⁷ Owu, Sathana, dimoni ndini, usikhohlisile ixesha elide ngokwaneleyo. UKristu uvusiwe, Umi apha enezitshixo zokufa nesihogo zijinga kuYe. Amandla okuphilisa ahlawulelwe. Kwaye siyakuyalela, ngeGama likaYesu Kristu, uNyana ophilileyo kaThixo, ukuba umke kwaba bantu. Phuma kubo, Sathana, ukuze bahambe kwaye baphilise.

¹³⁸ Ukuba niyakholwa ngentliziyo yakho yonke, ukuba uYesu Kristu uniphilisile, yimani ngeenyawo zenu, kwaye namkele aMandla aNgcwele okuphilisa kaThixo uSomandla onke.

Yiyo leyo! Dumisa iNkosi! Mayibongwe iNkosi! Nina, nonke, niphilisiwe. Yimani ngeenyawo zenu, nidumise uThixo! Amen! Malibongwe iGama leNkosi! Masimnike indumiso, njengoko siphakamisa izandla zethu kwaye siMdumise. Makabongwe uNyana kaThixo ophilileyo! Amen!



KWAYE AMEHLO ABO AVULWA BAZE BAMAZI YENA XHO57-0421E
(And Their Eyes Were Opened And They Knew Him)

UTHOTHO LWEE MVUSELELO ZEPASIKA

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngorhatya lwePasika yangeCawa, ngo Epreli wama-21, 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2023 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org